COOKHOUSE WINDFARM

UHLELO LWESI-2 – INCWADANA YEENDABA YAMALUNGU

2024

UMNIKELO WEKLINIKI EHAMBAHAMBAYO YEZEMPILO ENTSHA

Isithuthi sekliniki ehambahambayo yezempilo esitsha sinikelwe yiTrasti yoluNtu yeFama yoMoya yaseCookhouse kuluntu lwaseBedford naseAdelaide. Esisithuthi sekliniki kunye neqela lofikelelo elisekelwe kwiwadi, banika iqela leenkonzo, kuquka ukufundisa ngezempilo, ukuthathwa kwamayeza, ulandelelaniso, kunye nokudlulisela.

Olunikelo kwenza inxenye yeProjekthi yoKhathalelo lweMpilo olusiSiseko yethu sixhaswe ngokuhlanganyelana neSebe lezeMpilo yaseMpuma Koloni (Eastern Cape Department of Health) eyasekwa kwiminyaka esixhenxe eyadlulayo. Injongo yale projekthi kukunika iinkonzo zokhathalelo lwempilo zasimahla nezifikelelekayo kubahlali bazo zonke iifama ezingama-71, oko kuthathela ingqalelo iimfuno zempilo ezibalulekileyo kwimimandla ekude.

INKQUBO YOBUNKOKELI YECOLUMBA IXHOBISA ABAFUNDI

Kuyasichulumancisa ukuqaqambisa iNkqubo yobuNkokeli yeColumbia kwiZikolo zamaBanga aPhakamileyo iSipho Camagu neJohnson Nqonqoza.

Abafundi abavela kuzo zozibini izikolo bathathe inxaxheba njengezikolo zasekuhlaleni kujoliswe kuphuhliso lobunkokeli, umsebenzi weqela, kunye nokusonjululwa kweengxaki. La mava onyuse ukuzithemba kwabafundi ekunxibelelaneni nootitshala babo kunye neenkokeli zoluntu. Le nkqubo iquke kananjalo iintetho ezithiwa thaca zoqeqesho nezemfundo ze-RCL (Representative Council of Learners) (iBhunga eliMele abaFundi) ezinceda abafundi ukuba bafake utshintsho oluhle ezikolweni zabo.

IPROJEKTHI YOPHUHLISO LWAMASHISHINI ENTSHA IPHEHLELELWE

Siyazidla ngokusebenzisana neSuzlon Energy ukuphehlelela iProjekthi yoPhuhliso lwamaShishini eza notshintsho ejolise ekuxhobiseni ii-SMME kuwo onke amacandelo asibhozo awohlukeneyo.

Iprojekthi, eqale ngoAgasti ka-2024, iphunyezwa ngabaCebisi kubuNkokeli beHlabathi (Global Leadership Consultants), ifem ephambili kuphuhliso lwamashishini ezinze eGqeberha. Iphulo eli lifuna ukunika uqeqesho olunzulu, olwenziwe ngokweemfuno kwii-SMME ezikooMasipala beBlue Crane neRaymond Mhlaba

INKCITHOMALI 2024

NXULUMANA NATHI: +27 21 670 1400 www.cookhousewind.co.za lifa.baskiti@eimsafrica.com @Cookhousewindfarm